

Vuk'uzenzele

Produced by: Government Communication & Information System (GCIS)

English/IsiXhosa

EkaCanzibe 2021 Ushicilelo 1

	<p>Thanking our nurses</p> <p>Page 4</p>			<p>Encouraging ECD centres to grow</p> <p>Page 5</p>
---	---	--	---	---

Vaccine registration open to the public

Government has officially launched the Coronavirus (COVID-19) vaccine online registration for the public – as the Department of Health gears up for phase two of the country’s vaccine rollout.

Health Minister, Dr Zweli Mkhize, invited all citizens aged 60 years and above to register for vaccination on the Electronic Vaccination Data System (EVDS).

“This launch marks a significant milestone not only for our vaccination campaign but for South Africa’s advancement towards Universal Health Coverage,” said the Minister.

One digital system

He explained that this was the first time in democratic history that a major public health campaign will be supported by one digital system for all South Africans.

“The President, myself,



hundreds of thousands of healthcare workers and now you, the citizens of

South Africa, have or will access the vaccines through the same process, by using

this system.” He said there will be no distinction between pri-

vate and state healthcare users, except that private healthcare users will need to share their medical aid details.




“The quality of services will be the same for all of us and the system will assign a vaccination site closest to our homes or where we work and not based on whether a particular site is a public or private facility.”


Citizens must have their ID number, medical aid number, if they have one, and ensure they put in the correct cellphone number and residential address.

Registration on the EVDS does not guarantee that you will be vaccinated immediately.

“We will use the information you provide when you register to communicate with you about the vaccination programme when necessary,” explained the Minister.

Cont. page 2

	<p>To read Vuk'uzenzele download the GOVAPP on:</p> <p> </p> <p>Search for SA Government on Google playstore or appstore</p>	<p>CONTACT US</p> <p>Website: www.gcis.gov.za Email: vukuzenzele@gcis.gov.za www.vukuzenzele.gov.za Tel: (+27) 12 473 0353</p> <p>Tshedimotsetso House: 1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083</p>
---	--	--



IZibuko laseThekwini lehlisela uMzantsi Afrika imvula yama-thuba

Kutsha nje, ndikhe ndandwendwela iZibuko laseThekwini ukuze ndizibonele ngokwam umsebenzi owenziwayo ukulenza lisebenze ngendlela efanelekileyo likwazi ukumelana nomgangatho wehlabathi.

Emveni kokufumana ingxelo kubalawuli abaphezulu bakwa-Transnet, ndiye ndakhenketha izibuko ngesikhepe sabalathini-ndlela, esidla ngokusetyenziselwa ukukhokela iinqanawe ezinkulu xa zingena kwijelo lokungena kwibrorho ezimisa kuyo.

Ukubona ukusebenza kwezibuko usemanzini, kukhumbuzela indlela elikhulu nelintsokotho ngayo.

Ukuba izibuko alisebenzi ngendlela, uqoqosho lonke luba nobunzima, ukususela kubantu bazisa izinto kweli nabo bahambisa izinto kumanye amazwe ukuya kutsho kubathengi.

Kweline icala, ukuba izibuko lisebenza kakuhle, lingaqhuba ukukhula koqoqosho ze libeke ilizwe lethu kwindawo yokuba lisango lokuya kwingingqi nakwizwekazi.

Ngethuba endandindwendwele eThekwini ngeyeDwarha ku-2019, oosomashishini nabantu abaninzi abasebenzisa izibuko bandixelela ngeenxalabo zabo malunga nendlela elisebenza ngayo iZibuko laseThekwini.

Iinkampani ezithutha ngeenqanawe, ingakumbi, zavalisa inkxalabo malunga noxinano lweeloli kunye namaxesha okulinda, ukulibaziseka kokumisa kweenqanawe kunye namaxesha okubambelelisa iinqanawe, ukungakhathalelwa ngendlela kwezixhobo nokuba phantsi nje kwemveliso kweli zibuko.

Utyelelo lwam lwakutsha nje kweli zibuko ibilolokujonga ukuba izibophelelo ezenziwayo



njengempendulo kwezi nkxalabo ziphunyeziwe kusini na.

Ngenene kukho inkqubela-phambili yokwenyani kulo nyaka ugqithileyo kwindlela elisebenza ngayo eli zibuko, nangona bekukho ifuthe le-COVID-19.

Le mizamo sele ibonakalisa iziphumo ekuphucukeni kokukhathalelwa kwezixhobo, ukwehla koxinano, ukukhawuleziswa kokwenziwa kwezinto nokonyuka kokusetyenziswa kwezithuthi zikaloliwe endaweni yezendlela.

Nangona oku kuyinkqubela-phambili ebalulekileyo, usemni-nzi umsebenzi ekufuneka wenziwe ukwenza iThekwini ibe lizibuko elikumgangatho wehlabathi nelona zibuko lixakekileyo kwiSiqingatha soMhlaba esise-Mazantsi.

Kule minyaka yakutsha nje, eli zibuko lehlile kwindawo yalo yokuqala e-Afrika laya kweyesithathu, emva kwe-Tangier yase-Morocco ne-Port Said yase-Egypt.

Amaxesha eeloli okwenza imisebenzi yazo aphucuke kakhulu. Kananjalo, ukwazeka kokuxho-

mekeka kwizixhobo zokuphatha umthwalo kuphucuke kwaya kutsho kwiipesenti ezingama-80 kwaye kuleqa ubuncinane beepesenti ezingama-95 ukuze kufikelele kwimilinganiselo yehlabathi.

Ezi nkukacha-manani zingangathi zinobugcisa kakhulu, kodwa zinefuthe ngqo ekukhuleni koqoqosho lwethu kunye namaxabiso esiwahlawulayo singabathengi.

Senze ukuba ukuphucula ukusebenza ngendlela kwamazibuko ethu kube yinto ehamba phambili ku-Operation Vulindlela kwaye sigxile ekwakheni i-Transnet kwakhona, olelinye lamashishini ethu karhulumente axabisekileyo.

Abalawuli abatsha be-Transnet namacandelo okusebenza agxile ngokukodwa ekuguquleni ukusebenza kweli zibuko.

Abalawuli banezicwangciso ezinamabhongo nezenza imincili zokwandisa zontlanu iinkalo zeli zibuko.

Ezi ziquka ukwenza ijelo le-Maydon Wharf nzulu nangaku-

mbi ukuvumela ukuba iinqanawe ezinkulu nezalemihla zingene kweli zibuko, ukugcwalisa iBro-rho 1 neBro-rho 2 ukwenza ukuba izikhongozeli zibe nomthamo owongezelelekileyo nophuhliso lwetheminali entsha yezikhongozeli kwi-Point Precinct.

Xa zizonke, ukwandiswa kwamaseko kweli zibuko kuza kufuna iibhiliyoni ezili-R100 ezilutyalo-mali olutsha kweli shumi leminyaka lizayo nangaphezulu. Oku kuza kuhlithintsha kwaphela eli zibuko, landise umthamo walo wokusingatha izikhongozeli ukusuka kwi-2.9 yezigidi zeyunithi ukuya kwizigidi zeyunithi ezingaphaya kwe-11.

Ezi zicwangciso zinamabhongo ziza kudinga ukuba icandelo labucala lithabathe inxaxheba kwaye lityale imali nangakumbi. I-Transnet, kuquka iZibuko laseThekwini, yinto ebalulekileyo yesizwe eyeyabantu boMzantsi Afrika.

Ukusebenzisana necandelo labucala kubalulekile ukuzisa utyalo-mali olutsha, ubuchwepheshe

nolwazi kwindlela zokusebenza zezibuko nokwenza izixhobo namaseko zibe zezale mihla.

I-Transnet izimisele, umzekelo, ukupapasha isivumo ebudeni bonyaka sokwakha nokuqhuba iTheminali entsha yeZibuko. Oku kuza kuzisa utyalo-mali lwabucala ze kuphucule ukusebenza ngendlela kokuphathwa kwezikhongozeli.

Ngenkqubo yethu yokuhlaziya sikuphucula kancinci kancinci ukusebenza ngendlela kwamazibuko ethu neendlela zethu zoololiwe kwaye sivula inkuntyula yotyalo-mali kumaseko. Oku akuzukwanela nje ukwehlisa iindleko ze kuphucule umgangatho wezinto esizithumela kwamanye amazwe, kodwa kuza kudala amawaka emisebenzi emitsha.

Nokuphucula indlela yokusebenza nohlaziyo lolwakhiwo, iZibuko laseThekwini liza kuphinda lithathe indawo yalo njengelona zibuko lisebenza kakuhle e-Afrika.

Njengenxalenye yesiCwangciso sethu soKwakhona ngokuTsha nokuVuselela koQoqosho, siza kuqhubeka nokusebenza singadinwa ukwandisa utyalo-mali kumaseko nokuguqula amashishini ethu eenethiwekhi.

Ukuba kukho into enye eshiywe lutyelelo lwam eThekwini engqondweni yam, kukuba singabemi boMzantsi Afrika sinakho ukuphumelela kwiiprojekthi ezibaluleke nezinkulu kakhulu.

Amabhongo ethu kumelwe ukuba ahambelane nobungakanani bemiceli-mingeni yethu.

Ngenkqubela-phambili esiyenzayo kwiZibuko laseThekwini, ngohlaziyo kwakhona kwezakhono nokwazi ukwenza esinako e-Transnet, ngoku sinayo into esiqhubayo. Kwaye sihamba ngesantya esiphezulu sisinge kwindawo esiya kuyo. **V**

Sibulela abongikazi bethu

Allison Cooper

Abongikazi belizwe, kunye nabanye abasebenzi bezama-yeza, babeke ubomi babo esichengeni ukuze bancede abanye abantu ngexesha lobhubhane weSifo sentsholongwane ye-Corona (i-COVID-19).

USuku lwaBongikazi lwe-Hlabathi, olungomhla we-12 kuCanzibe, lithuba lokunika abongikazi udumo ngenkonzo abayinika abanye abantu.

Umongikazi osisigxina uLuyanda Ganuganu (25), wesiBhedlele i-Groote Schuur eNtshona Koloni, uthi olu suku lukwalithuba lokuba abongikazi baqhubeka nokukhanyisa isi-

bane kumsebenzi wabo.

“Lithuba lokuba abongikazi babekelwe phezu, kodwa kufuneka siqhubeka nokunika inkathalo ekumgangatho ophezulu, ingakumbi ngeli xesha lobhubhane,” utsho.

UGanuganu ebephambili ngexesha letyeli lokuqala nelesibini lalo bhuhane, esebenza ewadini yenkathalo ephezulu ye-COVID-19 yesi sibhedlele.

“Eyona nto ibimnandi ibe ngamava endiwazuzileyo ngethuba ndisebenza nezigulana, kodwa eyona nto ibimbi ibikukufa okuninzi okwehlileyo kule wadi. Bekungekho lula emoyeni ngekwe-mvakalelo.”

UGanuganu, osele esebenze

njengomongikazi osisigxina leminyaka mibini egqithileyo, wakhetha lo msebenzi kuba ethanda ukunceda abantu.

“Ndikhulele ezilalini eMpuma Koloni ndiyibona indlela abantu abasokola ngayo ngenxa yokunqongophala kweekliniki ezinabongikazi abanenkathalo. Oku kwaphuhlisa intshisakalo yam yokwenza umohluko,” utsho.

Ngexesha lobhubhane uGanuganu kuye kwafuneka ukuba afunde ukusebenza phantsi koxinzelelo.

“Izigqibo kufuneka zenziwe ngokukhawuleza kwaye kufuneka ucinge msinyane. Ndikwafunde indlela yokuthetha nezigulana,” wongeze ngelishoye.



Umongikazi osisigxina uLuyanda Ganuganu oko ephambili kumlo ochasene ne-COVID-19 kwisiBhedlele i-Groote Schuur.

UGanuganu uye wanzinyelwa kakhulu kukusebenza ngexesha letyeli lesibini. Nangona ebefuna ukunceda abanye abantu, ubekwaxhalabele olwakhe usapho.

“Ndiye ndatshata ngeyo-Mnga ka-2020 kwaye inkosikazi yam ibikhulelwe. Ndibone amanina amaninzi akhulelweyo esweleka ewadini ye-COVID-19. Kuye kwafuneka ndiqaphele nangkumbi kuba bendingafuni ukubeka ubomi benkosikazi yam emngciphekweni,” utsho.

UGanuganu unombulelo ongazenzisiyo kubaphathi noogxa bakhe.


“Ndifuna ukubabulela ngenkxaso yabo nangoku ndinika ithuba lokuba ndikhule njengomongikazi. Kuyinto emnandi kakhulu ukusebenza nabantu ababaxhasayo abasebenzi ababatsha.”

Umyalezo wakhe kuluntu kukuba luncedise abongikazi ngokuthi benze into efanelekileyo.

“Sincedeni ukuze sincede. Wonke umntu uyazi ukuba kulindleke ukuba enze ntoni ngexesha le-COVID-19. Ncedani niqhubeka nokulandela izikhokelo nemigaqo,” utsho uGanuganu. **U**

Jubilee Hospital facelift eases patient pressure

A NEW TRAINING facility, CT scanner and renovated ward at Jubilee Hospital will result in better patient care.



The renovated ward 4 at Jubilee Hospital will ensure better care for patients.

Kgaogelo Letsebe

Jubilee Hospital in Hammanskraal, Gauteng, has undergone a major facelift and expansion that will see it not only increasing its capacity to handle patients, but also becoming a training facility for medical students.

The Gauteng Department of Health recently unveiled the renovated ward, computerised tomography (CT) scanner and a training lab to be used by medical students.

Gauteng Health MEC, Dr Nomathemba Mokgethi, said the improvements will ease the constant burden on the hospital.

“Because of the hospital’s close proximity to the N1 and R101 roads, it has been flooded by trauma and emergency cases as a result of car accidents,” she noted.

The renovated ward 4, with 31 allocated beds, will improve the hospital’s capacity to handle these cases. The ward was previously closed and will now be used as an orthopaedic ward.

In 2020, the hospital was earmarked to provide Coronavirus Disease services and received an alternative building technology structure with 300 beds.

“The addition of 300 beds to the hospital’s existing 551-bed capacity means it is growing

not only in terms of size, but in offering more services to the community.

“At present, the hospital is admitting all surgical patients, including general surgery, orthopaedics, urology, ophthalmology and gynaecology, to the same ward. We will now be able to separate the various units,” said Jubilee Hospital Acting CEO, Dr Olebogeng Modise.

The new CT scanner will also mean fewer transfers to Dr George Mukhari Academic Hospital.

A CT scanner enables doctors to examine patients internally through X-ray images taken from different angles. Images of bones, blood vessels and soft tissues can be obtained, thereby providing more detailed information than plain X-rays.

“We are now able to admit more trauma patients and with the CT scanner, we can deal with trauma cases quicker than we were able to in the past,” said Dr Modise.

The training facility will be used to train medical students in various fields, including surgery, emergency medicine and obstetrics.